University of Fort Hare
*Together in Excellence*

# EAST LONDON CAMPUS

## BACHELOR OF EDUCATION INTERMEDIATE PHASE TEACHING

**IKHOWUDI: HEX 311E UVIWO (MAIN)**

## EYESILIMELA 2023

| | |
|---|---|
| **IXESHA** | **: Iiyure zintathu** |
| **ABAVAVANYI BANGAPHAKATHI** | **: Dr T.Bubulu** |
| | **Dr S. Makeleni** |
| **UMVAVANYI WANGAPHANDLE KWEDYUNIVESITI:** | |
| **AMANQAKU EWONKE** | **: 100** |

**Olu vavanyo lunamaphepha ama 2.**

**IMIYALELO:**

- Uneeyure ezintathu , uphendula imibuzo oyinikiweyo
- Wufunde uwufundisise umbuzo phambi kokuba uphendule, phola
- Yiphendule yonke imibuzo, uzinqande xa unengcinga yokushiya izikhewu
- Bhala ngokucacileyo, oko ukubhalayo kufundeke, kulandeleke

**Umbuzo 1**

Tyatyadula uxhentse uxhininike ubonisa ulwazi lwakho ngeengongoma ezimbini ezinefuthe ekufundeni ngengqiqo ( reading comprehension) . Xa ucubungula ingongoma nganye yicacise ukuba iyintoni, ibaluleke ngantoni, ifundiswa njani ke , oku ukwenza usinika imizekelo elungele isigaba ozakufundisa kuso. Ezo ngongoma zezi

(1) Ulwazi lwesigama (vocabulary knowledge),

(2)Ulwazi umfundi analo ( background knowledge)

**(20)**

**Umbuzo 2. [30]**

Bonisa ulwazi onalo mayela nezakhono zokufunda ngengqiqo ( comprehension strategies). Oku uzakukwenza ngokusinika ezo zakhono, usicacise ngasinye , uchaza ukuba sibaluleke ngantoni ekufundeni ngengqiqo, yaye usifundisa njani ebantwaneni ngokucacileyo kanti ke sizenzekela njani xa singafundiswa ngokucacileyo. Kufuneka ke usinike imizekelo yomfundi okwisiGaba ozakusifundisa. Qiniseka ukuba ingxoxo yakho isinika imizekelo.

**(30)**

**Umbuzo 3. [20]**

Khawucacise ngenkqubo yokufunda njengoko kucetyiswa kwiKharityhulam yeSiXhosa Ulwimi lwasekhaya Ibanga 4- 6. Oku ukwenza ngokuthi usinike iingcebiso mayela neendlela zokufunda ezicetyiswayo, usibalisele ke ngenkqubo yokufunda , apho uzakusivezela ukuba kwenziwa ntoni kwisigaba ngasinye, usinika umzekelo obonisa ukuba uyayiva le nkqubo, yaye ungayilandela xa ufundisa .

**(20)**

**Umbuzo 4. [30]**

Yila ubalise ucebe isicwangciso sesifundo sosuku. Ezi zilandelayo ziingongoma emazivele.

- Isakhono solwimi ( content area)
- Umxholo (topic)
- Iinjongo zesifundo ( lesson aims)
- Isingeniso ( introduction)
- Ulwazi olutsha ( lesson development)
- Izixhobo ezizakusetyenziswa ekufundiseni
- Isiqosheliso ( conclusion)
- Uvavanyo ( assessment) **(30)**

**AMANQAKU EWONKE [100]**